
# U VULINDLELA

*XHOSA – “Heart Guide”*

# INTLIZIYO YOMNTU

Ndoninika intliziyo entsha ndifake umoya wam omtsha ngaphakathi kwenu. (Ezek. 36:26,27). Njengokuba ulifunda elitract ukhangele nemifanekiso yalo ungabanakho ukuyibona intliziyo yakho. Vumela umphenguluIi ka Thixo akubonise imeko yentliziyo yakho. Zivume izono zakho ungazikhanyeli ngokuthi azikho, kuba ilizwi lika Thixo liyasixelela ukuba, “ukuba asinasono sithi siyazikhohlisa inyaniso ayikho kuthi, kodwa ukuba siyazivuma izono zethu, uthembekile yaye unakho ukuzixolela izono zethu, asihlambulule kuko konke okungalunganga.” (1 John 1:8,9).

Ulawulwa nguSathana okanye ulawulwa nguThixo; Ulikhoboka lesono okanye isicaka sikaThixo. Ukuba isono siyabulawula ubomi bakho, musa ukukhanyela, kodwa khala kuYehova. Uyakukhulula ngaye uYesu Krestu owezayo ehlabathini ukuza kusindisa aboni, awaphule amandla kaSathana nesono phezu kwethu. Ulusindiso lwethu. Usoloko uphambi koThixo ongcwele ozibonayo zonke imfihleko iingcamango ezingendawo nezenzo zobomi bakho.” Amehlo akhe aphezu kwendlela zomntu, uyazibona zonke ihambo zakhe. Akukho bumnyama, nathunzi lakufa lokuba basithele kulo abasebenzi bobutshinga.” (Job 34:21,22).



Kumfanekiso wokuqala sibona ukuba “Intliziyo inenkohliso ngaphezu kwento zonke, isisifo esibi, ngubanina onokuyazi?” (Jeremiah 17:9). Yonke into ephuma emntwini yiyo emenza inqambi umntu. Kuba ngaphakathi, kuyo intliziyo yomntu, kuphuma izicamango ezibi, okukrexeza, omibulo, okubulala, obusela, okubawa, okungendawo, inkolhiso ubureletyo, iliso elikhohlakeleyo, ukunyelisa, ukukratsha, ukuswela ukuqonda: Zonke ezo zinto ziphuma ngaphakathi zimenze inqambi umntu. (Mark 7:20-23). **Impangele** isixelela ngesono sekratshi. **Inkunzi-yebokwe** yalatha inkanuko zenyama, ukungazoyisi, umbulo ukukrexeza. **Ihagu** yalatha izono zokunxila, nokunyoluka. **Ufudo** lusixelela ngokunqena, ukulibazisa, ubugqwira **Ihlosi** sisilo esinengcwangu nesikhohlakeleyo sisalathisa ngentiyo, ingqumbo, nomsindo ombi. **Inyoka** isalathisa ubukhwele **isele** lisixelela apha ngezono zokunyoluka nokuthanda imali eyingcambu yento zonke ezimbi. (1 Tim. 6:10). **Usathana** nguyise wamaxoki nabo bonke abaxokayo. **Inkwenkwezi** yalatha ukwintshana entliziyweni yomntu Apha ke lumnyama, lungcolile **iliso** lika Thixo libona yonke into eqhubekayo ngaphakathi entliziyweni. Akukhonto inokufihlakala kwiliso lakhe elingumbane. **Iiwinyana zomlilo** ezijikeleze intliziyo zimele uthando luka Thixo olujikeleze intliziyo enezono. **Isithunywa** simele ilizwi likaThixo. **Ihobe** lingumqondiso woMoya oyingcwele.



**Umboniso wesibini** ubonisa intliziyo eguqukayo neqala ukufuna uThixo. Apha sibona eqala ukunyamekela udaba lukaThixo wayivula intliziyo yakhe eluthandweni lukaThixo. Umoya oyingcwele uyakhanya ngaphakathi nokukhanya kuka Thixo kungena kukhuphe bonke ubumnyama kude. Ingelosi iphethe ikrele, ililizwi lika Thixo, “elikhawulezayo nelinamandla, elibukhali




3.

ngaphezu kwekrele elintlangothi mbini, lingumgwebi wengcingane nengcamango zentliziyo." (Hebr. 4:12). Ndihlambe kunene kubo ubugwenxa bam, undicoce kuzo izono zam." Dala ngaphakathi intliziyo ehlambululekileyo Thixo uhlaziye umoya oqinisekileyo ngaphakathi kwam. (Psalm 51:2-10).

**Umboniso wesithathu** usibonisa isimo sentliziyo yomoni oguquke ngokwenene. Ngoku uyabubona ubukhulu nokoyikeka kwezono zakhe ezininzi awazifelayo uYesu emnqamlezweni. Ususiwe ngentliziyo enzulu nezisolayo nobuhlungu obungathethekiyo ngezono zakhe ezininzi. "Inkosi isondela kwabantliziyo zaphukileyo ibasindise abamoya utyumkileyo." (Ps 34:18). "Igazi lika Yesu, Krestu uNyana ka Thixo, liyasihlambulula kuzo zonke izono." (1 John 1:7-9). "Ndiyakujonga kulomntu, nakulowo uthe walihlwempu abamoya waphukileyo nakogubhayo ngelizwi lam." (Is. 66:2). "Ukuba uthe wamvuma ngomlomo wakho uYesu iNkosi wakholwa ngaphakathi entliziyweni ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa." (Rom. 10:9).

**Umboniso wesine** uthetha ngomkristu ofumene olona xolo nenkululeko ngenxa yedini leNkosi yethu nomsindisi uYesu Krestu, ngoko ke mandingakhe ndiqhayise ngento engeyenye. "Wasindisa emnqamlezweni weNkosi yethu uYesu Krestu, ekuthe ngaye ihlabathi labethelwa kuye naye kulo ihlabathi." (Gal. 6:14). UYesu wafa emnqamlezweni ukuze nathi, sithi "Sifile ngakwizono siphilele ebulungiseni." (1 Peter 2:24). Siyalelwe ukuba "sihambe ngokomoya singazalisi inkanuko yenyama." (Gal. 5:16,25). Maninzi amakrestu abiziweyo ngalondlela athandaza ezicaweni, asondele esithebeni seNkosi, bacule amaculo kaThixo kanti noko, ngezenzo zabo ezimbi asoloko embethelela umsindisi wabo ngokutsha. Apha sikwafumana nengxowa yemali kaJudas, owangcatsha iNkosi uYesu wathengisa ngaye ngamacwecwe angamashumi amathathu esilivere. Isibane, imiqokelelwane njalo-njalo, zasetyenziswa ngamajoni awamthabathayo uYesu ambambha ngobusuku. Amadayisi asetyenziswayo asetyenziswa ngamasoldati xa ayesenza amaqashiso ngengubo zakhe. (Psalm 22:18). Bathabatha yonke into kuYesu, kodwa yena bamlahla besithi "Asifuni kulawulwa ngulomntu."




4.

Ngentshuntshe, amajoni amhlaba ecaleni nasentliziyweni. "Kwaza kwaphuma igazi namanzi." (John 19:33-37). Ngokunjalo nani zibaleleni ekuthini ningabafileyo esonweni kodwa ningabadla ubomi kuThixo ngo Yesu Krestu. iNkosi yethu. "Ngoko isono masingalawuli emizimbeni yenu enokufa." (Rom. 6:11,12). " Kuba nafayo baye ubomi benu bufihlakele ndawonye noKrestu kuThixo." (Kol. 3:3).




5

**Umboniso wesihlanu** ubonisa intliziyo ecokisiweyo yangcwaliswa yomoni yasindiswa lufefe nenceba kaThixo engenambaliso. Ithe yaba yitempile enyanisekileyo kaThixo, inqaba ka Thixo, Uyise, uNyana noMoya oyingcwele ngokwesithembiso sika Yesu Krestu iNkosi yethu, "Ukuba umntu uyandithanda mna, uyakuwagcina amazwi am, noBawo uyakuthi amthande size kuye, senze inqaba kunye naye." (John 14:23). Endaweni yokuba ibe yindawo enyelisekileyo yesono, intliziyo ijike yabantle, yaba ngumthi othwala iziqhamo ivelise iziqhamo zomoya ezinjengo thando, uvuyo, uxolo intobeko ubuntu, ubulali, ubulungisa, ukholo, ululamo, ubungcathu nezinye izinto ezimkholisayo uThixo nabantu. (Gal. 5:22,23).

Kulomboniso siphawula isithunywa sibonakala kwakhona. Izithunywa zimiselwe ukulungiselela abo baya kubudla ilifa ubomi obungunaphakade, zihlale zibajikelezile abamoyikayo

yena. (Psalm 34:7). Umtyholi naye umi kufuphi nentliziyo ngathi ukhangele ithuba lokubuyela endlwini yakhe yakuqala. "Ngokoke siyacetyiswa ukuba silinde sithandaze, kuba utshaba, lwethu, uMtyholi uhamba-hamba njenge ngonyama egqumayo efuna lowo angathi amqwenge." (1 Peter 5:8). "Anazi na ukuba niyitempile kaThixo, ukuba umoya kaThixo uhleli ngaphakathi kwenu." (1 Cor. 3:16; 6:19,20).




**Umboniso wesithandathu** ngumfanekiso olusizi womkreqi elinye iliso liyaqala ukuvaleka, ithetha ukuba uyaqala ukukhula pholileyo nokozela ebomini bakhe bobukrestu, xa elinye iliso libheka-bheka lingenasizi lizakhela uthando nelizwe. Ukukhanya kwangaphakathi kuluzizi, imiqondiso esentliziyweni yakhe, ebonisa ukuba ukulungele ukubasezintlungwini noKrestu ayisamanga ngendlela. Uphahlwe zizilingo amana ukuzivumela kancinci endaweni yokuzichasa. Noxa angaba usazihamba iinkonzo, efihla ubungento bakhe belizwe ngengubo yokholo uthando lukaThixo selubanda ngaphakathi entliziyweni yakhe Inkwenkwezi esentliziyweni yakhe, ukuqaqamba kwayo kuluzizi. Umnqamlezo akasawuthwalanga ngoncumo, Usuke wangumthwalo onzima ongasanqwenelekiyo "Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni, umoya wona okunene unentumekelelo ke yona inyama ithambile." (Matt. 26:41). "Ke lowo ulilungisa uya kudla ubomi obuphuma elukholweni. Ukuba uthe umnthu wahlehla awuyi kukholiswa nguye umphefumlo wam." (Heb. 10:38.). "Khumbulani umka Lothe." (Luke 17:32).



**Umboniso wesixhenxe** utyhila imeko yentliziyo ekreqileyo yomntu emva kokuba ekhanyiselwe waza wazingcamla izipho zezulu waza wabelwa isipho soMoya oyingcwele aze awe kude. Umntu oyenza lukhuni intliziyo yakhe xeshikweni uThixo ambonisayo, uyakusuka abe kukhona ekhula ebubini ngelixa azama imigudu yokuzibumba engamncedi nto. Ngokusingisele kumkreqi, uYesu ngokwakhe wayicacisa into ayiyo xa wayesithi "Xa umoya ongcolileyo, uthe wemka ngaphakathi emntwini, uhamba kwindawo ezomileyo, efuna ukuphumla kodwa ungakufumani, usuke athi "Ndiya kubuyela endlwini yam endaphuma kuyo. Athi akufika afike itshayelwe ivathisiwe. Ahambe ke ngoko ayokuthatha abanye omoya abasixhenxe abangcole ngaphezu kunaye bangene ngaphakathi bahlale khona: lize ke ikamva laloo mntu libe libi kunesiqalo." (Luke 11:24,26). "Kodwa kuyenzeka ngokomzekelo oyinene, othi, inja ibuyele emhlanzweni wayo kwakhona, nehagukazi eyahlanjwayo iye ekuzityika-tyikeni eludakeni." (2 Peter 2:22). Ukuba lomfanekiso ungqinelana nesimo sentliziyo yakho, sihlobo esithandekayo, khala kuThixo ngaphandle kokuzilibazisa ukusukela ezantsi entliziyweni yakho." Unakho ukukusindisa kuzo zonke izono "Namhlanje ukuba nithe naliva ilizwi lakhe musani ukuzenza lukhuni intliziyo zenu." (Heb. 4:7). Lowo uthi azingise ayenze lukhuni intliziyo yakhe uyakuthi atshatyalaliswe ngoko nangoko ngaphandle kokusindiswa. (Imizekeliso 29:1).



**Umboniso wesibhozo** apha lomfanekiso usibonisa umoni ozibambezeleyo ekwangumkreqi esondela ekufeni. Ukufa (loo mathambo) kumfikele engakulindele nangexesha abengalifuni Imihlali yenkohliso zesono idlule nenyaniso eyoyikekayo yomvuzo omkhulu wesono uza kudibana nawo. Iintlungu ezingathethekiyo zesihogo ziphathelele kuye. Nakuba ngoku enxanelwe ukuthandaza ufumana ukuba akanakho engenandlela yokudibana noThixo oluthando wadlala ngalo ixesha elide. "Umvuzo wesono kukufa." (Rom. 6:23). "Yinto eyoyikekayo



ukuwa ezandleni zoThixo ophilayo." (Heb. 10:31). "Esesihogweni wawaphakamisa amehlo akhe, esentuthumbeni." (Luke 16:19-31).

**Umboniso wesithoba** ubonisa umkrestu enyamezela esoyisa phakathi kwezilingo nezihendo ezoyikekayo. Nxa elingwa kumacala onke, usuka anyamezele kude kube sekupheleni, egqithisele ukoyisa ngaye uYesu Krestu. USathana nabo bonke abakhe bayijikelezile intliziyo ekholwayo elinga ukulahlekisa umntwana kaThixo umntu ephethe indebe yewayini kwesinye isandla, edanisa jikelele emkrestwini ezama ukumbonisa ngobumnandi belizwe. Noko kunjalo ayimkhathazanga umkrestu ongcwalisiweyo kuba wabethelwa noKrestu esonweni nasehlabathini. **Inkwenkwezi** elunkwintshana yakhe icacile iqaqambile. **Ingxowa yemali evuliweyo** ibonisa ukuba asiyontliziyo yakhe kuphela, koko nemali yakhe uyinikele kuThixo. **Isonka nentlanzi** zixela ukuba uphila ubomi obumsulwa ekwa yingcathu. Akazingcolisi ngokwakhe ngeziselo ezinxilisayo.

**Incwadi evuliweyo** yalatha ukuba iBhayibhile yincwadi evuliweyo kuye, uyayifunda ayiphengulule yonke imihla. "Ngubani na oya kusahlula eluthandweni lukaThixo? Yimbandezelo na, luxinaniso na, yintshutshiso na, yindlala, bubuze na, yingozi na, likrele na. Hayi kwezozinto zonke singaphezulu ngokoyisa sigqithisele ngaye lowo wasithandayo." (Rom. 8:35-37). "Bonke abahlala kuye aboni." (1 John 3:6-10). "Ngokuba konke okuzelweyo nguThixo kuyaloyisa ihlabathi. Lulo olu uloyiso oluleyisayo ihlabathi, ukholo lwethu." (1 John 5:4,5). "Singaphezu kwabeyisi ngoYesu Krestu owasithandayo." (Rom. 8:37).



**Umboniso weshumi** sibona umntu obehlala ehamba noThixo akakoyiki ukufa. Lakufika ixesha lokunduluka kwakhe, uzakuhamba onwabile njengoko umpostile uPawulosi eyibeka esithi "Ukuba nomnqweno wokunga ndinganduluka ndiye kuKrestu, kokukhona kulungileyo kakhulu." (Phil. 1:23). Endlwini ka Bawo zininzi indawo zokuhlala, ndiya kubuya ndize ndinamkelele kum ngokwam ukuze apho ndikhona nibe khona nani." (John 14:1-4). "Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu zizo uThixo azilungiselele abo bamthandayo." (1 Cor. 2:9). Banoyolo abafi abo bafela eNkosini kuthabathele apha ewe utsho umoya ukuba baphumle ekubulalekeni kwabo imisebenzi yabo ke ilandelana nabo." (Rev. 14:13). Hee ke mkhonzi ulungileyo, uthembekileyo ngena eluvuyweni leNkosi yakho." (Matt. 25:21).

**MASITHANDAZE:**

Owu! Bawo ndizakuwe nentliziyo enezono elukhuni. Andinako ukuyijika. Thatha intliziyo yam njengoko injalo. Dala ngaphakathi kwam intliziyo ehlambululekileyo owu! Bawo. Yizalise ngomoya wakho oyingcwele nothando. Amen!

---

Kindly write to us if you are able to assist us with further translations of our free Gospel literature, informing us of the language into which you could translate this Gospel literature. Your assistance would be appreciated. **Our Heart Book is now also available on cell phones, tablets, etc from www.angp-hb.co.za or as an APP "Heart of Man" on Android phones.**

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:


**E-MAIL: info@angp.co.za**

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)